s95 Hlubi history. W. Spezi

1. **Aba-Mbo**

Kutiwa, ukususela kwaTshaka elinganeno kwawo lalimiwe ngamaNgwane nganeno kwawo ingamahlubi emnambiti ngeneno kwawo ingamazizi elutukela ngeneno kwawo ingama Bhele namakuze zatike ezintlanga zakucitwa ngu Tshaka zabalokela nganeno kweli lase Maxoseni kutiwa ngobakudala ababantu bati ukuhla kwabo bevela kuTshaka bahamba besenza iminquba bahambe bada baza kufika mayela nelamaSwazi kufuki kuleminxuma iyimiwonyo besiti bavela eMbo, ngo 1819 banikwa amanxiwa ngu Hintsa.

2. **AmaHlubi**

Umafu Kamashiyi inkosi yamaHlubi imbabala kamashiyi no dlomo mashiyi mahla anjengawe Nyamazana amaHlubi amhle anozipo izimnyama ngokuqwayana ndindonopo nzala yenkomo zikamafu ~~x~~ ngogodlana wondeleni usenga indlezani ingentole wena uzalwa yintombi yase Swazini.

3. Mtetwa uzalwa ngu Swelamuzi
uSwelamuzi uzalwa ngu Spezi
uSpezi uzalwa ngu Magaga
uMagaga uzalwa ngu Mafu
uMafu uzalwa ngu Dlomo
uDlomo uzalwa ngu Radebe
uRadebe uzalwa ngu Mtimkulu
uMtimkulu uzalwa ngu Mntungwa
uMntungwa uzalwa ngu Msi
uMsi uzalwa ngu Mhlanga
u Umhlanga uzalwa nguMhuhu
uMhuhu uzalwa ngu Zulu
uZulu uzalwa nguNtu .

4. uSpezi ukusuka kwaZulu wehla nolwandle ngase Mpumalanga nabantu ukuya kwa Hintsa eMaxoseni wazala uSwelamuzi ngemfuzwe ka Hintsa uSwelamuzi wazala uMtetwa eHerschel wasebenza no Rulumente engumpati wabantu abantsudu nge Mfazwe yabesutu ngo 1881 urulumente wamnika umhlaba wase Majuba's nek ibaso ngokuba

MMM /wasebenza............

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.

2X

K1 3/46

s95.

wasebenza kakuhle noRulumente ngegazi lake lobukosi ndiyakucelà Mhlekazi ukuba uyilungise leyondawo ndihleli kakubi ngalonto ndiyifumane indawo kabawo wayesebenzela. mna

Willium Mtewa Spezi
P.O. Sterkspruit Hersckel
~~MEDS~~ Majubas'Nek

MLM

Digitised by the Open Scholarship Programme in support of public access to information, University of Pretoria, 2017.